batyhafa elukholweni ngenxa yenkolo ezahlukeneyo kwindawo abahlala kuzo, bona bekhangela inyaniso kaThixo.

17 Amanenekazi eThemba kaTWR asebenza eAlbania, Bulgaria, Croatia, Denmark, Finland, France, Moldova, the Netherlands, Northern Ireland, Norway, Poland, Portugal, Romania, Spain, Switzerland, Ukraine, ne United Kingdom

18 Abasebenzi beTWR kunye namaqabane bacacise ngezidingo zaManenekazi eThemba aseTWR ngokuphumezayo kwabo abakholwayo nabaxhamlayo ezimalini bexhasa okwenziwa nguThixo elizweni jikelele. Thandazela uGqirha Peggy Banks, umlawuli jikelele weTWR Amanenekazi eThemba xa eyakuba eseYurophu ngo Septemba 19-30, eza kuqhubeka aye nase Ndiya.

19 Amanenekazi angamaKrestu afumane inkuthazo omnye komnye namandla eNkosini oyise ukudinwa nokutyhafa akuvayo xa ukukhonza kwabo kuthintelwa kwiinkalo ezininzi okanye xa imithandazo ibonakala ngathi ayiphenduleki. *"Siyabandezelwa ngeenxa zonke, singaxineki; siyathingaza, singancami; Sitshutshiswa, asiyekelwa; sikhahlelwa phantsi, asitshatyalaliswa"* (2 kwabase Korinte 4:8-9)

20 Abo banceda amanenekazi ukuba afunde iinyaniso zikaThixo xeshikweni befunda ubuchule okanye ubugcisa bokubanceda bakwazi ukuba nemali yokondla iintsapho zawo, eCote d'Ivoire, Paraguay, Tanzania, namanye amazwe.

21 Ukhuseleko nempilo entle kumanenekazi atyelela iicawe ezisecaleni ukunikela ngekhalenda iinyanga zonke nokukhuthaza amanenekazi ukuba aphulaphule iinkqubo zikanomathotholo zobuKrestu ukuze abo bandwendwelweyo bafunde ngokungakumbi ngoThixo nezibhalo.

22 Abahlolokazi abangamaKrestu ababefudula kushumayela nabayeni babo kwaye basenomdla kodwa inkxaso yemali ayisafumaneki ukubanceda baqhubeke nobufundisi.

23 Amanenekazi anakekela iinkedama nabonelela ngothando, uqeqesho nokutya kumantombazana aselula anyanzelisiweyo ukuba awafulathele amakhaya awo, athengiselwa ebukhobokeni, okanye impatho mbi yezalamane.

24 Iinkonzo ezixhasa ngomdla amanenekazi akukukhanya kwabo abasebumnyameni. "*Nina nilukhanyiselo lwehlabathi; umzi omi phezu kwentaba awunakufihlakala; kananjalo abasibaneki isibane basibeke phantsi kwesitya; basibeka esiphathweni saso, sikhanyisele bonke abasendlini. Malukhanye ngokunjalo ukhanyiselo lwenu phambi kwabantu; ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise uYihlo osezulwini.*" (Mateyu 5:14-16)

25 Iqela - Amanenekazi eThemba elinikela ngekhalenda yomthandazo kubathetheleli abathetha iSpanish nabalawula inkqubo yaManenekazi eThemba ngeSpanish kubaphulaphuli abasemazweni angaphaya kwamashumi amabini anesixhenxe. Thandazela ubulumko xa bephendula iincwadi (emails) ezivela kumanenekazi asokolayo.

26 Amanenekazi akhonza ngentembeko komaGhana, Lesotho, Malawi, Swaziland, Uganda, Zimbabwe, namanye amazwe aseAfrika kodwa amaxesha amaninzi imali yona iyanqongophala kube nzima ke ngoku ukuqhubeka nenkonzo.

27 Ukhuselo nobulumko bukaThixo, kumanenekazi angamaKrestu atyelela ngokukhalipha iilali zase Cambodia, Myanmar, Vietnam namanye amazwe xa bexelela abantu ngothando lukaKrestu nokuzincama Kwakhe. Bathundeza ngokunjalo amaKrestu aselula bakhuthaze amakholwa ukuba ahambe noYesu yonke imihla.

28 Amanenekazi ancede amanye kwiziMelika ukuba akhule kulwazi analo ngeNkosi, evumela uThixo ukuba awasebenzise ekuziseni ithemba elinguYesu ebantwini kwilizwe jikelele.

29 Amanenekazi abonisa uthando lukaThixo kwabo abagutyungelwe ziingxabano okanye iimfazwe eBurundi, Central African Republic, Mali namanye amazwe ase Afrika akwezo meko

30 Amaqela abasebenzi nononibe beTWR Amanenekazi eThemba elizweni. "*Khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo*" (Mateyu 9:38).

Listen to the *Women of Hope* radio programmes on:

- TWR Africa (DStv 855) or TWR Africa2 Satellite Service (SES-5)
- www.twrwomenofhope.org

*Women of Hope* broadcasts in more than 65 languages. Monthly prayer calendars are available in 85 languages

twr AMANENEKAZI ETHEMBA



# Ukuthandazela amanenekazi asebufundisini

Prayer Calendar
September 2017

*isiXhosa*

IBhayibhile, imbali yenkonzo, neengxelo malunga nempucuko ziquka ubungqina obuninzi bamanenekazi awayezixakekise ngomsebenzi kaThixo, amanenekazi azinikela ngokukhaliphileyo ekukhonzeni ezicaweni, kwimfundo, ebugqirheni, kwiinkedama, nakwezinye iindawo zobufundisi elizweni jikelele. Amanenekazi aqhubeka nokusabela ubizo ngentembeko, beshiya iintsapho nokufudumala kwamakhaya bekhonza ngengqiniseko yokuba uMoya oyiNgcwele usisikhokelo noMkhuseli wabo.

Angaphezulu kwamakhulu amane amanenekazi aqashwe yi TWR Amanenekazi eThemba, abanye kubo bangononibe. Bamkhonza uThixo ngokunyanisekileyo kuba bamvumela ukuba asebenzise izandla, iinyawo, iintliziyo neengqondo zabo namazwi okusondeza abanye kunxulumano noMdali noMsindisi wabo. La manenekazi anikela ngexesha lawo, (nje ngombingelelo) amandla nezinto ezizezawo, nolwazi ukuze abanye baphucule iimpilo zabo babonelele ikamva elililo kwiintsapho zabo. Uninzi lwamanenekazi akhonzayo ihlabathi jikelele, badibana nezoyikiso, iingozi, izifo, nokugculelwa. Ukufumana amanye amaKrestu axhasa ngomdla nathandazelayo kuthanda ukuba yingxaki amaxesha amaninzi.

Amanenekazi asebufundisini akhonza ngovuyo kwiindawo ahlala kuzo nakumazwe akude kakhulu nawo. Amanye asebenza kwiindawo ezilukhuni apha emhlabeni. Naphi na apho bakhoyo badinga uncedo nenkxaso.

Ma sithandazele amanenekazi asebufundisini.

*"Ewe aligungqi ithemba lethu lokuba usaza kusikhulula nangomso, njengokuba nani nisixhasa ngokusithandazela, boba baninzi nabambulelayo uThixo ngenxa yesisa sakhe kuthi"* (2 kwabase Korinte 1:9-11).

## Nceda thandazela ukuba…

1 Abasebenzi nononibe abangaphezulu kwamakhulu amane base TWR Amanenekazi eThemba abolulela kumanenekazi ngomthandazo neenkqubo zosasazo ngeelwimi ezingaphaya kwashumi asixhenxe.

2 Ubulumko namandla amanenekazi ebufundisini xa ejonga izidingo zeentsapho, amalungu enkonzo, iilali ekuh neendawo zomsebenzi.

3 Amanenekazi obufundisi adinga iimfundiso zeBhayibhile malunga nobuqu bawo neentsapho abajongana nazo mihla le. Thandazela ukuba babe namathuba okumamela iinkqubo zeTWR nokuba bafumane ukuqeqeshelwa ubunkokeli ukubalungiselela ukusebenzela uThixo nabanye.

4 Omama abangamaKrestu bathethe amazwi othando nenkuthazo ebantwaneni babo, baziphathe ngendlela ebonakalisa ukunik'imbeko kuThixo kuko konke abakwenzayo nabakuthethayo, babagunyazise kuko konke abanokuba kuko kuThixo. Thandazela ubulumko nomonde nje ngokuba begxekwa nokuba baphendula njani ukubonakalisa ubulungisa babo nesidima kuKrestu.

5 Amanenekazi angamaKrestu anceda ngokukhalipha kwabo abatshutshiswayo, abathuthumbiswayo, ababanjiweyo, okanye abasengozini yokubulawa kwiindawo ezinje ngo Afghanistan, Algeria, Central Asia, North Korea, Pakistan, Egypt, Eritria, Ethiopia, India, Iran, Kenya, Nepal, Somalia, Turkey, Vietnam, namanye amazwe. Thandazela ukuba uThixo uyakomeleza abalandeli bakhe ekubeni basebenzise ukholo lwabo nokubandezeleka ukubizela abanye kuThixo.

6 Amawaka eenkokheli zamaqela okuthandaza elizweni jikelele nje ngokuba bekhuthaza amashumi amawaka abathetheleli abasondele kwiTrone kaThixo emele amanenekazi elizweni jikelele. Thandazela ukuba bakumhlonipha uThixo kuko konke abakwenzayo mihla yonke naxa bencokola.

7 Ubulumko kwabo abasebenza namanenekazi aselula ePhillipines, Singapore, South Korea namanye amazwe apho inkcubeko yeli xesha iphembelela ngokudumazayo ukhetho lwabo lwempahla enxitywayo, iziyolo nonxulumano.

8 Amanenekazi eThemba aseTWR andwendwela, akhuthazayo, afundisa amabanjwa eAlbania, Angola, Brazil, Cambodia, Indonesia, Namibia, Nepal, Paraguay, South Africa, Tanzania, Thailand namanye amazwe.

9 Amanenekazi asebenza emazweni asemzini abe nobulumko novelwano kwizithethe zezondawo bakuzo, babonakalise intlonipho ebantwini bezama nokuqonda iingxaki zabo.

10 Umdali wethu omeleze amanenekazi akhonza uKrestu neenkonzo ehlabathini ngokubanzi, ebenza bomelele babe sempilweni entle. Uninzi lwaba bakhonzi abathandekayo baphila ebushushwini okanye engqeleni enganyamezelekiyo, ukutya kunqongophele, amanzi acocekileyo awekho, kwaye neendlela zohambo azikhuselekanga.

11 Amanenekazi angamaKrestu eChina, India, Korea namanye amazwe alinde ngomonde ixesha likaThixo elilungele ukuba afumane abayeni abakhulileyo ebuKrestwini. Thandazela ukuba kube kho ulwandiso lwenkonzo ezolulela ngasemadodeni, eziwazisa ekuzibopheleleni kwenyani kuKrestu neziwafundisayo ukuba athembeke kwizenzo zawo zemihla ngemihla.

12 Amanenekazi angamaKrestu eHaiti, India, Cote d'Ivoire, Mozambique, Nepal, namanye amazwe apho abantu bajongene nobuhlwempu obukhubazayo, namasiko acinezelayo.

13 Amanenekazi asebenza neembacu eAustria, Ethiopia, Germany, Greece, Jordon, Kenya, Sweden, Turkey, namanye amazwe, bebonakalisa ubuhlobo kuzo, uthando lukaThixo, bebonelela nangosasazo olukwi mp3, iinkqubo ezimamelekayo nezifundisa ngenyaniso kaThixo.

14 Ukhuseleko kumanenekazi awodwa asebufundisini, neengxaki zawo ezizimeleyo namaxesha obulolo.

15 Ubukhalipha, ubulumko, nomthambiso kumanenekazi angamaKrestu aziva ngathi awanakuyikhonza ngokugqibeleleyo iNkosi ngenxa yemfundo engenelanga abanayo, nokungazithembi (kwabase Korinte 1:26-30) .

16 Ubulumko nokhuselo lwamakhosikazi akhokela amaqela omthandazo nalawo alawula iinkqubo zeTWR. Amanenekazi eThemba eCentral Asia, Middle East, North Africa, neSouth Asia uThixo ushukumisa iintliziyo zabaninzi nabo baye